Dr. Beyers Naudé
MUNICIPALITY | MUNISIPALITEIT | uMASIPALA
rising together for development

# ISASIZO

**NR. 94/2021**

**UKONYULWA KWAMALUNGU EEKOMITI ZEEWADI**
**2021-2026 ISITHUBA SOMLINGANISELO WEXESHA WOLAWULO LWEEWADI**

Yonke imibutho yasekuhlaleni nemibutho yezenkolo namanye amasebe, kunye nabathathi-nxaxheba abachaphazelekayo ngokwemimandla, abanomdla kuphuhliso loluntu kunye nolawulo olusungekileyo bayamenywa ukuba bangenise amagama abagqatswa beekomiti zeewadi abazakuthabatha inxaxheba kulonyulo lweekomiti zeewadi ezintsha ngo-2021-2026.

Ukusekwa kweekomiti zeewadi ezintsha kuya kusekelwa kuya kucwangciso kocando lokuhlala / ibhloko kunye nenkqubo yocwangciso lwabameli bamacandelo.

Le nkqubo ilandelayo iyakusetyenziswa ukuqiniseka ukunyaniseka nentembeko kulonyulo:-

- Umgqatswa abe ubhalisiwe kuluhlu lwabavoti lukamasipala kwiwadi anyulwa kuyo,
- Umgqatswa uhlala kwiwadi kananjalo nakwibhloko achongelwe yona
- Umgqatswa akangoCeba kaMasipala
- Umgqatswa akaqeshwanga nguMaspala
- Umgqatswa akanazo i-akhawunti kamasipala enye okanye nangaphezulu egameni lakhe ezisemva kwintlawulo ngokungaphezulu kweenyanga ezintathu ukususela kumhla wokuvalwa konyulo.

Iifomu zokutyumba ziyafumaneka kuzo zonke ii-ofisi zikaMasipala kunye namathala eencwadi kummandla kamasipala nakwi webhusayithi kamasipala. Umhla wokuvala ukutyunjwa yi-09 Disemba 2021.

Ukufumana ulwazi oluthe vetshe ngonyulo lweekomiti zewadi kunye nomsebenzi welungu lekomiti yewadi, qhagamshelana nomququzeleli wewadi, uMnu Vuyisile Jacobs kule nombolo 0498075755 /jacobsv@bnlm.gov.za.

**DR. E. M. RANKWANA**
**UMPHATHI MASPALA**

Head Office

THE MUNICIPAL MANAGER
DR BEYERS NAUDÉ
LOCAL MUNICIPALITY
P O BOX 71
GRAAFF-REINET
6280

T 049 807 5700
F 049 892 4319

www.bnlm.gov.za